



*"Igqirha lendlela nguqongqothwane.*
*Igqirha lendlela kuthwa nguqongqothwane.*
*Ebeqabel' eggith' apha, uqongqothwane.*
*Ebeqabel' eggith' apha, uqongqothwane."*




Le yenye yeengoma ezithandwayo eMzantsi Afrika. Ingaba wena uyayazi? Yingoma yegorhakazi, uMama uMiriam Makheba.





Ngumama esizidla ngaye sililizwe loMzantsi Afrika, nelizwekazi iAfrika jikelele. Wasebenzisa igama, ilizwi, nodumo lwakhe ekufundiseni abantu ngezinto ezininzi.




Wazalelwa kwilokishi eyayikufutshane naseRhawutini. Wakhulela kwizixeko ezininzi ezahlukileyo.

Waqala ukucula ecula neqela lomzala wakhe i*Cuban Brothers*. Babecula umculo wesiNtu bewudibanisa nowejezi. Emva koko walijikeleza ilizwekazi laseAfrika neqela elilandelayo awayecula nalo i*Manhattan Brothers*.







Kulapho wafumana khona igama lokuba nguMama Afrika. Wayengomnye weemvumi ezazikhankasela ukupheliswa kobandlululo eMzantsi Afrika.

Wayesebenzisa umculo wakhe ukucula ngobomi bakhe kunye namava akhe. Wafumana ithuba lokubandakanywa kwimiboniso bhanyabhanya eliqela. Oko kwaliphakamisa ngakumbi igama lakhe.






Amazwe awabangumhlali kuwo aquka ilizwekazi iMelika naseGini. Ngelixa ehlala kuwo wazibandakanya kakhulu neenkqubo zokufundisa abantu ngelizwekazi i-Afrika, inkcubeko nomculo wayo jikelele.

Wabuyela eMzantsi Afrika emva kokukhululwa kukaTata uNelson Rholihlahla Mandela. Waqhubekeka ecula. Wadlala indima enkulu ekufundiseni abantu ngesifo sikaGawulayo.





Maninzi amawonga awafumanayo esaphila, ebulelwa ngomsebenzi wakhe wokulwela inkululeko.

Wathi xa ebuzwa ngamawonga jikele, “Elona wonga lam elikhulu kukubona abantu boMzantsi Afrika bephila ngoxolo.

